

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| EyoMsintsi 2018 Ushicilelo 1

Free Copy

Let's tour Mzansi



Nelson Mandela
Centenary
2018
Be the legacy



@VukuzenzeleNews



Vuk'uzenzele

ALSO AVAILABLE ON:

Websites: www.gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za
E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za
Tel: (+27) 12 473 0353



Abakhenkethi bangaphandle abayivali imilomo zizibiliboco zeli

Dale Hes

Abahlali beelokishi zikamasipala waseGeorge eNtshona Koloni baza kuphekela abakhenkethi bangaphandle ukutya nezinye iziliboco ezimuncis'iintupha. Eli phulo liyinxaleny yephulo i-Dine with Locals.

Eli phulo liyinxaleny yokubhiyozela iNyanga yezoKhenketho apha umasipala akhethe amaqela amathandathu aphuma kwilokishi yaseThembalethu nasePalaltsdorp ukuba aphekele abakhenkethi bangaphandle ukutya okuhamba nazo zonke izimuncu-muncu, futhiabantende kangangoko.

Ngethuba la maqela esenza amalungiselelo okuntenda nokuphekela ezi ndwendwe athe afumana uqequesho olunxulumene nezokhenketho nobuchule bokulungisa ukutya.



Lindwendwe zingcamla ukutya kwamalungiselelo okuphekwe liQela i-Explore our Hood eThembalethu. Eli phulo liyinxaleny ye-Dine with Locals.

Baye bafundiswa izakhono ezinxulumene nokuqala kunye nokuqhube ishishini, injongo yoku ikukuba ekugqibeleni babe ngoosomashishini abanengeniso encumisayo kwicandelo lezokhenketho.

UNomzamo Entile (one-minyaka yobudala engama-31) oyinxaleny yala maqela mathandathu, uyinkokeli ye-Explore our Hood Team yaseThembalethu. UNomzamo waqala i-Explore our

Hood ngenjongo yokukhuthaza ukubambisana nokuhlisana ngoxolo eGeorge.

"Saya saqaphela ukuba kukho ukungavani phakathi kwabantu baseGeorge. Sifuna ukuba abantu beze kwiilokishi zethu babone ukuba siphila impilo yesiXhosa endilise-kileyo kwaye sifuna nabanye abantu baze kuzibonela ngokwabo," wongezewatshouNomzamo.

Njengoko iyiNyanga ye-

zoKhenketho, eli qela sele libambe imisitho emibini eyinxaleny yamalungiselelo, entenda futhi ephekela amalungu ecandelo lezokhenketho ebetyelele apha.

"Siwenze onke amalungiselelo kwaye sivuya kakhulu kuba siza kutyelwa ngabakhenkethi bangaphandle njengeendwendwe zethu. Sinethemba lokuba siza kufumana ithuba lokubona indlela eliqhuba nelisebenza ngayo icandelo lezokhenketho. Lo msitho uza kubonisa nokuba kuninzi okunokonwatyelwa futhi kwensiwe ngabakhenkethi beli nabangaphandle kwiilokishi zoMzantsi Afrika," uqhubo watsho uNomzamo.

UMlawuli we-George Tourism uJoan Shaw ucacise wathi kule nkqubo kuza kuboniswa iintlobu ezahlukenyoyzenkubeko zeli.

"Inkqubo yethu ye-Dine with a Locals ingumzekelo omhle obonisa iintla-

nga ezahlukaneyo zeli, apha kuza kuphekwa kungcanyu-Iwe iintlobu zokutya ezahlukenyoy, eziquka ukutya kwabantu abangamaXhosa, abangamaVenda, abangamaKhoi, indlela ekuphekwa ngayo yi-Cape Malay kunye nokutya okubizwa i-'Snoek and Patat," ucacise watsho uShaw.

**"Kuninzi
okunokonwatyelwa
futhi kwensiwe
ngabakhenkethi
beli
nabangaphandle
kwiilokishi
zoMzantsi Afrika."**

Ekupheleni kwalo msitho, la maqela aza kuba namashishini agcweleyo asebenzisana ne-George Tourism, yona eza kuthi ibhengeze futhi isebezincise iinkonzo nezinto ezithegisiswa ngala maqela. ▶

Amaza asusa abantwana ezitalatweni

NANGONA ABANTU abaninzi beyibona i-surfing njengohlolo lomdlalowona umbutho waKwaZulu-Natal uyenze umdlalo wokonwabisu ulutsha.

Vuyo Ndlovu

I-surfing, okanye ukutybibiliza phezu kwamaza, ayilohlolo lomdlalo okanye into nje yokuzonwabisu yabantu abatsha abahlala embindini wesixeko saseDurban kwiphondo laKwaZulu-Natal kokoikwaluhlobolomdlalo apha umntu angakwazi ukupholisa ingqondo.

I-Surfers Not Street Children ngumbutho oqequesha simahla abantwana basezitalatweni kune naabantu abatsha abangathathi ntweni abahlala kumbindi wesixeko ngezakhono zokutybibiliza phezu kwamaza.

Lo mbutho usabela kanye kwikhwelo elahlatywayo lokuliwa kwengxaki yabantwana abangenamakhaya kwaye uqinisekisa ukuba abantu abatsha benziza izinto ezakhayo ngobombi babo.

UMasipala waseThekwini



Ezinye iincutshe zokutybibiliza phezu kwamaza, ii-surfers, ezingamalungu e-Surfers Not Street Children kune ne-KZN Surfing Club zifumene iibhodi zokutybibiliza phezu kwamaza. Ezi bhodi ziza kusetyenziselwa uphuhliso.

uxhase lo mbutho kutsha ngeokuwuliza ngeebhodi ezili-10 zokwenza i-surfing.

Ezi bhodi zenzelwe ukuphlisa kwaye zenziwenegento engathi yirabha enceda abo basafunda ukwenza i-surfing ukuba bangatshoni.

Umlawuli wesebe likamasipala lezemidlalo nolownabo uTeddi Adams uthi ezi bhodi ziza kunceda abo bafuna ukuba ngabantu abenza i-surfing.

"Esi sipho siyinxaleny yezicwangciso zikamasi-

pala zokuphuhlisa ezemidlalo nokuqinisekisa ukuba abantu abatsha, kungajongwanga bala labo nakufuma kweepokotho zamakanya abaphumo kuwo, banazo izixhobo eziza kubanceda ukuba bagqame kuhlolo lomdlalo abawukhethileyo.

ULangelihe Nkosi (one-minyaka yobudala eli-16) ongomnye wabo benza i-surfing ubulela umasipala ngesipho asenzileyo.

"Ndiyakuthanda ukuba kufunda i-surfing kuba inde-

nza ukuba ndomelele futhi ndiyakuthanda ukutybibiliza phezu kwamaza." UNkosiyabakhuthaza abo banqwenela ukwenza i-surfing ukuba baze kuthatha inxaxheba bafunde banzi ngayo.

USandile Mqadi, ongumqeqeshi we-surfing e-Surfers Not Street Children Club, uthi iinjongo zalo mbutho kukufundisa abantwana i-surfing into leyo eza kubanceda ukuba bangahlali ezitalatweni.

"Sisebenza nabantwana abahlala ezitalatweni kunye nabo baphuma kumakhaya asokolayo. Uncedo esilunikayo lusimahla kwaye sinceda abantu abatsha abaneminyaka yobudala ephakathi kwemihlanu nengama-23," utsho uMqadi.

Wongezewatsho ezi bhodi umasipala alize ngazo ziza kunceda kumalinge abo kwaye abantwana abaninzi baza kukwazi ukuthatha inxaxheba kule nkqubo.

I-Surfers Not Street Children Club iqhuba uqequesho lokwenza i-surfing ukusuka ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu ngo-08h30 nango-13h30. Abo banomdla bangabhalisa kwi-ofisi ye-Surfers Not Street Children eNorth Beach.

UMasipala uphinde waliza ngezinye iibhodi ze-surfing ezili-10 kwi-KwaZulu-Natal Surfing Federation. ▶

iSebe lezeMpilo laseLimpopo ligxi-ninisa ukubaluleka kokuncancisa

NJENGOKO ILIZWE libhiyoza iminyaka elikhulu yokuzalwa kukaMama Albertina Sisulu iSebe lezeMpilo laseLimpopo lithiye ziko lokuncancisa ngegama lakhe ukuze kuxhamle abadlezana.



■ UMphathiswa wePhondo laseLimpopo uGq Phophi Ramathuba ephahlwe ngoomama abancancisayo abeze kuzimasa lo umsitho wokuvulwa kweziko.

Kanego Lewele noMore Matshediso

Ukuncancisa ku-luncedo kakhulu kwimpilo yomntwana futhi kuzigcina iintsana zondlekile kodwa oomama abaninzi abaphangelayo babanobunzima ngokuncancisa xa bebuyela emisebenzini emva kwekhefu lasemva kokubeleka.

Oku kubangelwa kuku-ba kungekho zindawo zi-fanelekileyo emisebenzini

zokuba abadlezana banca-ncise iintsana zabo okanye bakhame ubisi, baze bangabi namdla wokuqhubeleka be-nancisa kuba bachitha ix-e-sha labo elininzi emisebe-nzini iintsana zabo zingekho.

Ngelinge lokuzama uku-lungisa le ngxaki, iSebe lezeMpilo laseLimpopo livule kwii-ofisi zalo iziko lokuqala ngqa lokuncancisa nokukhama ubisi.

Eli ziko lokuncancisa livu-we ngokusesikweni ngu-Mphathiswa wePhondo uGq

Phophi Ramathuba.

Eli ziko lithiye ngegama likaMama Albertina Sisulu. Kulo nyaka sibhiyoza iminyaka elikhulu yokuzalwa kweli qhawekazi.

Sinethemba lokuba eli ziko alizikunceda kuphela ooma-ma abancancisayo abaphan-gelayo koko liza kukhutha-za amanye amasebe ukuba abaxhase oomama abanca-ncisayo emisebenzini.

Abasebenzi besebe baza ku-vumeleka ukuba bacele aba-nu ababonasela abantwa-

na ukuba bazise abantwa-na emisebenzini ngesithuba sesidlo sasemini ukuze ba-nancise. Eli ziko liza kuse-tyenziswa nangabadlezana abafuna ukukhama ubisi besemsebenzini.

Omnye wabasebenzi bese-be uMpho Kutumela nongu-mdlezana onamawele, eli-yinkwenke neliyintombi, aneenyanga ezili-11 ubudala, uvuyisa kakulu kukuvu-lwa kweli ziko.

"Eli ziko lokuncancisa liza kusinceda kakulu thina njengabadlezana kuba siza kukwazi ngoku ukukhama ubisi endaweni efaneleki-leyo ngaphandle kokupha-zanyiswa," utshilo.

Oomama abandwendwela isebe bephethe iintsana zabo, nokuba balindwendwele ngantoni isebe, baza ku-vunyelwa ukuba bancancise iintsana zabo.

UMphathiswa wePhondo uRamathuba uthi i-Albertina Sisulu Breastfeeding Room iliziko elifana lodwa kweli phondo.

UMphathiswa wePhondo unethemba lokuba eli ziko liza kunceda ukuba ooma-ma bakwazi ukuncancisela

ezindaweni ezikhuselekileyo nezilungiselewe kanye oku ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba baba nabantwana abakhula bondlekile futhi be-semipilwene.

"Ubisi lwebele luneza-kha-mzimba ezifunwa kanye zintsana kwaye lelendalo, soze lenziwe ngoomatshini," utshilo uMphathiswa wePhondo. ▀

Izinto eziluncedo ngokuncancisa

- Ubisi lwebele lunezhithintel-ntsholongwane ezinceda abantwana ukuba bakwazi ukulwa iintloblo ezahlukaneyo zentsholongwane.
- Ukuncancisa kunciphisa amathuba okuba umntwana abenesifo sokwaliwa zizinto ezithile ezifana neentloblo zokutya okuthile.
- Abantwana abanca-ibele lodwa kwiinyanga ezintandathu zokuqala banamathuba ambalwa okusulelw-a zizifo, okuba nezifo ezinxulumene nokuphefumla kune-nengxaki yotatyazo.

New health centre for Port Nolloth

Jauhara Khan

The seaside town of Port Nolloth in the Northern Cape will soon benefit from a full-service community health centre project which promises to enhance access to quality healthcare.

The project is being implemented by the Independent Development Trust (IDT) on behalf of the Northern Cape provincial Department of Health at a cost of about R150 million and is expected to open soon.

Once completed, the building will comprise all primary health facilities including a trauma unit, radiology, dis-

pensary, psychiatric ward, maternity wards and paediatric wards. Consultation rooms will be used for reproductive health services, a psychologist, dietician and other services once constructed.

Work on site also encompasses the construction of facilities for support services including administration and waiting areas, ambulance quarters and parking bays, overnight accommodation for paediatric mothers, a mortuary, kitchen and dining area, stores and maintenance area.

Port Nolloth, located along the Atlantic Ocean, is one of the most remote areas of South Africa with a population of just over 6 000. It is served by

a small government clinic that offers a community-oriented primary health care programme that monitors and works towards the improved health and well-being of families in that area.

The progress on the project is currently at 70 percent. The contractor has been busy with installation of roofing in some of the buildings as well as internal plastering, painting and external work like paving, lighting and parking areas.

The project has created decent job opportunities. A majority of these jobs were reserved for the local community and a lot of the work on site, such as glass fittings and



■ Construction on a new community health centre in Port Nolloth in the Northern Cape is almost complete. The facility will soon offer the small town greater access to healthcare services.

cladding at the reception and waiting areas, were performed by local sub-contractors.

The IDT is an entity of the National Department of Public

Works and supports all spheres of government with social infrastructure management and programme implementation. ▀